URhulumente weNtshona Koloni
EzeMfundo

ICandelo lokuKhetha nokuGaya aBasebenzi

Isalathiso: 20190211-1488
Inombolo yefayili: 3/3/2/3
Imibuzo: IZiko leeFoni

ISaziso seCandelo lokuGaya nokuKhetha aBasebenzi: 0001/2019

Iya: KumaSekelela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zawo onke amaziko emfundo nakooSihlalo bamabhunga olawulo

ISihloko: Ukucaciswa kweNgcaciso eMfutshane yeCandelo lokuKhetha nokuGaya aBasebenzi 0001/2019

1. ISebe leMfundo leNtshona Koloni (WCED) licela izicelo kubaqeshwa beSebe *iWCED* abaqeshwe ngemvumelwano kwizithuba ezixhaswa ngemali kuphela.

2. Oku kubandakanya izicelo zabaqeshwa bemvumelwano abakumaziko, kwii-ofisi zezithili nakwaNdlunkulu kwezi ndidi zilandelayo:

   - Oomabhalana (ukuya kufikelela kwiNqanaba loMvuzo 5 (SL5))
   - Abancedisi jikelele
   - Abasebenzi abancedisa kwindawo yokuhlala
   - Oonesi

3. Abaqeshwa abanqwenela ukufaka izicelo mabangenise:
   a) Ifom Z83 ezaliswe ngokupheleleyo (ifom yesicelo sokuqeshwa)
   b) Ileta enika izizathu evela kwibhunga lolawulo okanye kumphathi wecandelo
   c) Ikopi eqinisekisiweyo yamabanga emfundo (apho kufanelekileyo)
   d) Amagama abaqeshwa ekuthethwe nabo abangaphezu kwemfuneko nezizathu ezixhasayo ezingqina ukuba kungani na bengenakumataniswa bafakwe kwizithuba
   e) Ifom yeenkcukacha zebhanki (*DPE3*)
   f) Inombolo yerhafu
   g) Ifom yokutshintsha inyanga yebhonasi

4. Umhla omisiweyo wokungeniswa kwezicelo ngowe-**26 Apreli 2019.**

Lower Parliament Street, Cape Town, 8001
Tel.: +27 21 467 200
Safe Schools: 0800 45 46 47

Private Bag X9114, Cape Town, 8000
Employment and salary enquiries: 0861 92 33 22
www.westerncape.gov.za

5. Izicelo mazingeniswe ngokuqala kugqithwe kwibhunga lolawulo okanye kumphathi wecandelo ukuya kwaNdlunkulu kwidilesi enikiweyo kwiNgcaciso eMfutshane yeCandelo lokuGaya nokuKhetha aBasebenzi 0001/2019.

6. Ukuqeshwa isigxina kuya kwenziwa ngokokubona kweNtloko yeSebe leMfundo leNtshona Koloni.

7. Ziyacelwa iinqununu kunye/okanye abaphathi bamacandelo baqinisekise ukuba le ngcacsiso yaziswa bonke abaqeshwa abafanelekileyo, kusetyenziswa ibhodi yezaziso yeziko kunye nalo naluphi na olunye uhlobo lokupapashwa komyalezo.

USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEENKONZO ZEZIKO
UMHLA : 2019/03/28